CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

# SAZISO NGOKUFIHLWA KWENKCAZELO YAKHO YE-SMARTCAPE

Msebenzisi we-SmartCape oBekekileyo,

Esi Saziso ngokuFihlwa kweNkcazelo Yakho sichaza inkqubo-mgaqo ye-SmartCape ngokuphathelele ukufihlwa kwenkcazelo yakho. Ngokuqhubeka kwakho usebenzisa inkonzo ye-SmartCape uyavumelana kwaye uyayamkela le miqathango ekwesi saziso, kuquka nalo naluphi na utshintsho oluya kwenziwa kuso. Ukuba akuvumelani nale nkqubo-mgaqo ekwesi saziso, nceda ungayisebenzisi inkonzo ye-SmartCape.

ISixeko saseKapa sizibophelele ekudaleni ukuba abahlali baseKapa bafikelele kwiteknoloji yenkcazelo, kwaye ngokwenjenjalo siyakuqonda ukubaluleka kokukhusela ukungafihlwa kwenkcazelo yobuqu eqokelelwa ngabasebenzisi benkonzo ye-SmartCape. Injongo yesi saziso ngokufihlwa kwenkcazelo kukudala ulungelelwano phakathi komdla ofanelekileyo wesiXeko saseKapa wokuqokelela nokusebenzisa inkcazelo kunye nolindelo olusengqiqweni lwabasebenzisi lokuba kufihlwe inkcazelo yabo.

IsiXeko saseKapa siqokelela inkcazelo ngawe xa ubhalisa njengomsebenzisi we-SmartCape. Iquka igama lakho, inombolo yesazisi, ubudala neadresi. I-SmartCape iphinda ifune nenkcazelo ngeemfaneleko zemfundo nangengqesho, kodwa akunyanzelekanga ukuba unikele ngale nkcazelo ukuba akufuni. Kodwa ke, le nkcazelo iyasinceda iSixeko saseKapa ukuba sixhase kwaye siphucule iinkonzo zaso.

Inkqubo yeSmartCape igcina nale nkcazelo ilandelayo: Ixesha, indawo nendlela oyisebenzisa ngayo inkonzo yeSmartCape, kuquka neenkqubo ozisebenzisayo. Nceda uphawule ukuba iiwebhusayithi ongena kuzo zinokuqokelela inkcazelo ekwenza waziwe. Esi saziso ngokufihlwa kwenkcazelo asigubungeli inkcazelo ethathwa zezinye iiwebhusayithi.

**Indlela le nkcazelo esetyenziswa ngayo**
Usukelo oluyintloko xa kuqokelelwa inkcazelo yobuqu kukunika abasebenzisi be-SmartCape inkonzo ebhetele. Le nkcazelo iyaqulunqwa ize ihlalutywe ngokwemilinganiselo. Xa sisazi okuncinane ngawe, iSixeko saseKapa siyakwazi ukuxhasa inkonzo yeSmartCape, siyiphucule apho kuyimfuneko, size siyikhulise le nkonzo ukuze abantu abangakumbi bazuze kuyo. Ngoko, inkcazelo eqokelelwayo isetyenziswa:

- Kulwulo lwabasebenzisi be-SmartCape
- Kulawulo lobugcisa lweenkqubo nobuxhakaxhaka be-SmartCape
- Kuphando nophuhliso lwenkonzo yeSmartCape
- Ekuthengiseni inkonzo yeSmartCape kubasebenzisi, kumaqabane nakubaxhasi ngemali
- IsiXeko saseKapa asiyi kusebenzisa inkcazelo eqokelelweyo ukuze sinxibelelanise izenzo, iiphatheni okanye imikhwa yokusetyenziswa okuthile kwekhompyutha nabantu abathile ababizwa ngamagama.

**Ngoobani abaza kuchazelwa ngale nkcazelo?**
Ngokuqhelekileyo, iSixeko saseKapa asiyi kuchaza nayiphi na inkcazelo ekwenza waziwe ngaphandle kwaxa sifumene imvume yakho okanye phantsi kweemeko ezikhethekileyo, njengaxa sikholelwa ukuba umthetho ufuna ukuba senjenjalo. ISixeko saseKapa sinokusebenzisa inkcazelo ethile ekwenza waziwe ngenjongo yokuthumela i-imeyili kubasebenzisi beNkonzo ye-SmartCape.

ISixeko saseKapa sinokuchaza inkcazelo yomsebenzisi nakwiimeko ezikhethekileyo xa kukho isizathu sokuba okuchazwa kwale nkcazelo kuyimfuneko ukuze kufunyanwe, kuqhagamshelwane

okanye kumangalelwe umntu osenokuba waphula imiqathango ye-SmartCape yokusebenzisa okanye osenokuba wenzakalisa okanye uphazamisana (enoba kungabom okanye akunjalo) namalungelo okanye nepropati yesiXeko saseKapa, abanye abasebenzisi be-SmartCape, okanye nabani na ongomnye onokwenzakaliswa zezo zenzo. Inkcazelo echaza imilinganiselo, engenamagama amntu iSixeko saseKapa sinokuyinika amaqabane okanye abaxhasi ngemali. ISixeko saseKapa siye sasebenzisa iinkqubo-mgaqo, imithetho neenkqubo zobugcisa zokhuseleko ukuze kukhuselwe inkcazelo yobuqu eqokelelwa yiSmartCape:

- Kubantu abangena bengagunyaziswanga
- Ekusetyenzisweni nasekubhencweni ngendlela engafanelekanga
- Ekutshintshweni kwayo ngokungekho mthethweni
- Ekutshatyalalisweni kwayo ngokungekho mthethwnei okanye ekulahlekeni kwakho ngengozi
- Bonke abasebenzi beSixeko saseKapa neekhontraktha namagosa abandakanyeke nangayiphi na indlela ekunikeleni nasekulawuleni inkonzo ye-SmartCape banyanzelekile ukuba bahloniphe ukugcinwa kwenkcazelo yomsebenzisi weSmartCape iyimfihlelo.

**Ukukhutshwa kwayo neenkcukacha zoqhagamshelwano**
Inkcazelo oyinikeleyo xa ubhalisa njengomsebenzisi weSmartCape inokuhlolwa, ilungiswe okanye ihlaziywe ngokucofa iqhosha elikwiskrini sekhompyutha elisetyenziswa ukuqalisa iseshini kwi-SmartCape Access Point. Ukuba ukholelwa ukuba inkcazelo yakho iye yabonwa ngomnye umntu, okanye inkcazelo yakho iye yasetyenziswa ekwenzeni ubuqhetseba, nceda uqhagamshelane nabaphathi benkonzo yeSmartCape kule nombolo 021 400 3434.

Xa kucelwa, iSixeko saseKapa siya kunika nawuphi umsebenzisi weSmartCape ikopi eprintiweyo yenkcazelo egciniweyo ephathelele yena. Le nkcazelo iya kunikelwa ngaphandle kwentlawulo. Nceda uphawule ukuba uza kucelwa ukuba uveze ubungqina besazisi.

**Ukuthobela**
ISixeko saseKapa sikholelwa ukuba esi Saziso ngokuFihlwa kweNkcazelo sithobela uMthetho wokuKhuthazwa kokuFikelelwa kweNkcazelo waseMzantsi Afrika kaJanuwari 2000. Kwakhona sikholelwa ukuba sihambisana neMiyalelo yokuLawulwa kweeFayile zeNkcazelo yoBuqu yeUN, esisixhobo sehlabathi esizilawulayo esamkelwa ngesindululo 45/95 seNdibano kaWonke-wonke sowe-14 kuDisemba 1990.

Ukuba unayo nayiphi na imibuzo okanye izinto ongaziqondiyo ngeenkqubo-mgaqo zokufihlwa kwenkcazelo yabasebenzisi benkonzo yeSmartCape kwiSixeko saseKapa, nceda uqhagamshelane nabaphathi benkonzo yeSmartCape kule nombolo 021 400 3434.

**Uhlobo lweenkonzo ezinikelwayo**
Iindawo zeeKhompyutha ze-SmartCape kunye neendawo zokuFikelela i-Intanethi engaSebenzisi ziNtambo yeSmartCape zilungiselelwa siSixeko saseKapa kwaye ziyafumaneka ukuze zisetyenziswe nguye nawuphi umhlali.

Unokusebenzisa le ndawo ngenye yezi ndlela zilandelayo:

a) Ukubhalisa njengomSebenzisi we-SmartCape;

Ukuze ubengumsebenzisi wenkonzo i-SmartCape, kufuneka ubelilungu ngokufanelekileyo leenkonzo zethala leencwadi zeSixeko saseKapa. Umzekelo - Akufunekanga ukuba izinto/iincwadi zethala leencwadi ezingekabuyiselwa okanye imirhumo engezohlwayo engekahlawulwa kude kubengaphezulu kweentsuku ezingama-90 kwaye kufuneka unekhadi elisesikweni lethala leencwadi. Kuyakuthi kuvalwe ukufumana kwakho inkonzo ukuba wophule le miqathango. Ilungu lethala leencwadi lingathi emva koko libhalise kwiThala leencwadi ukuze

lifumane inkonzo ye-SmartCape. Emva kokuba uyigqibile inkqubo yobhaliso, faka igama lakho lokusebenzisa inkonzo (username) nekhowudi yakho eyimfihlo (password) kwaye uklikhe kwindawo/kwigama elithi, 'continue'.

Ukuze abasebenzisi babhalise, baza kucelwa ukuba banikele ngeenkcukacha ezithile zobuqu. Ngokusebenzisa le nkonzo umsebenzisi uyayivuma, uyayamkela kwaye uyayiqonda iNkqubo-mgaqo yokuFihlwa kweNkcazelo ye-SmartCape ecacisa oko i-SmartCape ikwenzayo ngale nkcazelo.

Ilungu ngalinye lelayibrari linokubhalisa kanye njengomsebenzisi. Akakho umntu onokuba namagama angaphezu kweli okusebenzisa, okanye onokusebenzisa igama lomsebenzisi negama elisitshixo lomnye umsebenzisi.

Ukusetyenziswa kwezi ndawo akufuni ntlawulo kwaye kusebenza umgaqo othi 'ofike kuqala, ungena kuqala.' Abasebenzisi abakwazi ukubhukha iiseshini kusengaphambili.

Umsebenzisi unokusebenzisa ikhompyutha (ekwabizwa ngokuba "yiseshini") kanye ngosuku, kungakhathaliseki ukuba inde kangakanani loo seshini. Ngokuqhelekileyo iseshini iba yimizuzu engama-45, kodwa oku kusenokungafani kuxhomekeka kumLawuli weLayibrari okanye kumphathi weAccess Point. Ukuba iseshini iphele ngaphambi kokuphela kwexesha elisikiweyo, imizuzu eseleyo eyinakusetyenziswa kwiseshini entsha.

Umsebenzisi we-SmartCape, osebenzisa iWireless Internet Access, uya kuba neeseshini ezingangezo azifunayo, ngaphandle kokusikelwa ixesha, kodwa kuya kubekwa isisikelo senyanga sedatha ayisebenzisayo. Ukusetyenziswa kwedatha kuya kubekwa esweni ngokubala idatha yomntu ngamnye. Ekuqaleni kwenyanga yekhalenda nganye usetyenziso lwedatha luyacinywa luze luqale ekuqaleni.

Abasebenzisi benkonzo ababhalisileyo bayakhunjuzwa ukuba kuyakuthi kurhoxiswe ukufumana kwabo iinkonzo ukuba kuye kophulwa nawuphina kule mimiselo.

b) Umsebenzisi weThokeni;

Njengomsebenzisi we-SmartCape ongabhaliswanga iThokheni, akuyomfuneko ukuba ube lilungu lelayibrari, yaye ngenxa yoko ayifuni ukuba ube neKhadi leLayibrari elisebenzayo. Xa unqwenela ukusebenzisa le ndlela, umele ufake isicelo sokuba ithokeni ithunyelwe kwiselfowuni yakho. Uya kufumana ama-50 eemegabytes aya kusebenza ngolo suku kuphela. Ezi thokeni ziya kucinywa ezinzulwini zobusuku kwaye umsebenzisi kuya kufuneka afake isicelo xa efuna ukungena kwi-intanethi kwakhona.

IiKhompyutha zeSmartCape ezilungiselelwe kwi-SmartCape Access Point zenza abasebenzisi bakwazi:

- Ukulungiselela kunye/okanye ukulungisa, ukufunda nokuprinta amaxwebhu anjengeleta okanye iCV
- Ukulungiselela kunye/okanye ukulungisa, ukufunda nokuprinta ispredshiti
- Ukulungiselela kunye/okanye ukufunda, okanye ukuprinta umboniso
- Ukusebenzisa i-Intanethi ukuze uphande ngenkcazelo
- Ukufaka amaxwebhu kwimemori stiki yeUSB (umele uziphathele eyakho)
- Indawo yeSmartCape Wireless Internet Access yenza umsebenzisi akwazi ukungena kwi-intanethi esebenzisa isixhobo sakhe esiKwaziyo ukuNgena ngaPhandle kweeNtambo.

**Ukubhalisa njengomsebenzisi we-smartcape**
Ukuze usebenzise iKhompyutha yeSmartCape okanye iWireless Internet Access kwiAccess Point (okwangoku yilayibrari enazo ezi zinto), umsebenzisi umele aqale ngokubhalisa. Ukubhalisa kubandakanya ukukhetha igama lomsebenzisi elahlukileyo negama elisisitshixo. La magama afanele agcinwe engqondweni kwaye agcinwe eyimfihlelo. Amagama abasebenzisi aba zizima-phambili zeadresi yeimeyili yomsebenzisi ngamnye obhalisileyo - khetha ngobulumko! Emva kokuba eyenzile loo nto umsebenzisi unako ukusebenzisa iiKhompyutha, kunye neWireless Internet Access, kule SmartCape Access Point nakuzo zonke ezinye.

Ukuba umsebenzisi akazisebenzisi ixesha eliziinyanga ezili-12, ubhaliso lwaloo msebenzisi luya kucinywa yaye kuya kufuneka abhalise kwakhona ukuze asebenzise iikhompyutha. Ukuba umntu akayithobeli imiMiselo nemiQathango yaye/okanye imiQathango yokuSebenzisa, ubhaliso lwakhe luya kucinywa kwaye usenokungavunyelwa ukuba abhalise kwakhona kwixesha elizayo.

**Ukugcina inkcazelo**
Inkcazelo ekuhlobo lweefayile ze-elektroniki ezifunyenweyo, eziyiliweyo okanye ngandlela ithile ezizezomsebenzisi weSmartCape azinakugcinwa kwiiKhompyutha zeSmartCape. Abasebenzisi banembopheleleko yokufaka nokugcina iifayile zabo ze-elektroniki kwiimemoti stikhi zabo zeUSB kwaye kufuneka babe neememori stikhi zabo zeUSB ukwenzela le njongo. Xa uprinta kuza kufuneka uhlawulele iindleko kwangaphambili.

**Ukusebenzisa i-intanethi**
Iikhompyutha zeSmartCape Access Point zizixhobo zonxibelelwano lwe-elektroniki. Ukuze kufezwe umbono wokuba iKapa ibe siSixeko esisemaGqabini, iSixeko saseKapa silungiselela ukuba abahlali baso bakwazi ukufumana i-intanethi. I-Intanethi ikwenza ufikelele imithombo emininzi yenkcazelo yasekuhlaleni, yelizwe neyamanye amazwe. Enye inkcazelo efumaneka kwi-Intanethi isenokuba ayichananga, ayiphelelanga, iphelelwe lixesha yaye/okanye iyabaphazamisa abanye abantu. ISixeko saseKapa asithwali nayiphi na imbopheleleko ngelahleko okanye ngomonakalo odalwe yiyo nayiphi inkcazelo ye-elektroniki efunyenwe yaye/okanye esetyenziswe ngumsebenzisi. Ngoko sikhuthaza ukuba uhlole enoba inkcazelo oyifumeneyo iyasebenza yaye ifanelekile kusini na.

**Imbopheleleko elinganiselweyo**
Enoba kukho into ephikisana noku kwesi sivumelwano, iSixeko saseKapa asiyi kuthwala mbopheleleko kumsebenzisi weSmartCape okanye kuye nawuphi na umntu ngayo nayiphi ilahleko okanye umonakalo obangelwe okanye ovele ngenxa yezi meko zilandelayo, kwaye umsebenzisi we-SmartCape uyasihlamba iSixeko saseKapa etyaleni xa kusenziwa nawaphi na amabango ngelahleko okanye ngomonakalo onjalo:

- nasiphi na isibakala okanye imeko engaphaya kwamandla eSixeko saseKapa;
- nakuphi na ukungasebenzi kweenkonzo ezinikelwa ngumboneleli ngeenkonzo wobuxhakaxhaka weSixeko saseKapa (kuquka, kodwa kungapheleliselwanga ekungasebenzini kweentambo zonxibelelwano);
- ukusebenza nokungafumaneki kobuxhakaxhaka be-SmartCape, okanye nabuphi na obunye ubuxhakaxhaka bonxibelelwano obuxokonyezelwe kubo ubuxhakaxhaka be-SmartCape okanye iikhompyutha ze-SmartCape;
- nakuphi na ukusilela kweenkonzo ezinikelwa siSixeko saseKapa, okanye ukunqunyanyiswa okanye ukuphazamiseka kokusebenza kuzo naziphi na iimbopheleleko zeSixeko saseKapa ngokwesi sivumelwano, okudalwe ngokungqalileyo okanye ngokungangqalanga ziingxaki zobugcisa, kuquka kodwa kungapheleliselwanga ekungakwazini ukufikelela nayiphi na iwebhusayithi okanye inkcazelo ekwi-Intanethi;
- nakuphi na ukwaphulwa kwemiqathango yokufihlwa kwenkcazelo okanye yokhuseleko nguye nawuphi na umntu okanye iqela elichaphazelekayo ngokusebenzisa ubuxhakaxhaka beSmartCape okanye nabuphi na obunye ubuxhakaxhaka obusenokuba buxokonyezelwe kubo;

- ilahleko, umonakalo, ukutshatyalaliswa, ukubiwa, ukungcoliswa okanye ukugxojwa kwayo nayiphi na inkcazelo efumaneke ngobuxhakaxhaka be-SmartCape;
- ukulondolozwa nokuthembeka kwayo nayiphi na imibhalo okanye naluphi na olunye uhlobo lwenkcazelo olufikelelwa ngeIntanethi;
- nakuphi na ukupapashwa okanye ukusetyenziswa kwayo nayiphi inkcazelo ekwi-Intanethi;
- ukusebenzisa le nkonzo, okanye ukungena komsebenzisi weSmartCape kwi-Intanethi;
- ukungakwazi komsebenzisi we-SmartCape ukwenza iimbopheleleko zakhe ngokwesi sivumelwano, kuquka ukusilela ukulandela imiyalelo ebekwe kwimiQathango yokuSebenzisa Ngaphandle kokusikela umda ezi zinto zichazwe ngasentla, iSixeko saseKapa asiyi kuthwala nayiphi na ilahleko efunyenwe ngumsebenzisi we-SmartCape okanye nguye nabani na omnye, kwaye ngenxa yoko umsebenzisi uyasihlamba isixeko etyaleni kwaye ugqala iSixeko saseKapa njengesimsulwa kuwo nawaphi na amabango okanye kumatyala anjalo, kuquka kodwa kungapheleliselwanga kwilahleko yenzuzo, ilahleko yoshishino ebelulindelwe kunye/okanye inkoleko.

Umsebenzisi we-SmartCape uqonda kakuhle ukuba iSixeko saseKapa asiyisebenzisi, asiyilawuli okanye asiqiniseli nayiphi na inkcazelo, iimveliso okanye inkonzo enikelwayo okanye efumaneka ngeIntanethi, nokuba naliphi na iqela elinganikeli ngenkcazelo, ngeemveliso okanye ngeenkonzo ezinjalo, alinxulumananga ngeSixeko saseKapa nangayiphi na indlela. ISixeko saseKapa asisebenzi njengearhente yelo qela, kananjalo iSixeko saseKapa asinikeli iziqinisekiso ezicacileyo okanye ezingacacanga okanye iziqiniselo kumsebenzisi okanye kuye nawuphi na omnye umntu ngokuphathelele loo nkcazelo, iimveliso okanye iinkonzo. Ngokukhethekileyo, iSixeko saseKapa siyazihlamba etyaleni kwaye umsebenzisi akayi kusibeka tyala iSixeko saseKapa kulo naliphi na ibango okanye ityala elinokuvela kuyo nayiphi na inkcazelo, iimveliso okanye iinkonzo ezibhengezwa njengezithengiswayo, ezinxibelelene okanye ezibonisiwe kwiwebhusayithi yeSixeko saseKapa okanye ezifumaneka ngobuxhakaxhaka beSixeko esisemaGqabini.

Akukho ukunyenyiswa okanye ukubekelwa bucala kwale miQathango yokuSebenzisa siSixeko saseKapa okanye ukurhoxiswa kokunyanzeliswa kwayo nayiphi na kule miQathango yokuSebenzisa okuya kuthi nakwiziphi na iimeko kugqalwa njengemvume okanye ukukhetha kweSixeko saseKapa okanye kusebenze njengokubekelwa bucala okanye ukutshintshwa kwesivumelwano okanye kuchaphazele amalungelo eSixeko saseKapa ngokuvumelana okanye ngenxa yale miQathango yokuSebenzisa okanye kuthintele okanye kuthintele iSixeko saseKapa ekunyanzeliseni nangaliphi na ixesha yaye ngaphandle kokwenza isaziso, ukuthotyelwa ngokungqongqo nangexesha kwayo yonke imiQathango yokuSebenzisa.

**Ukungabinoxanduva**

Kuthe kwenziwa yonke imizamo ukuze kuqinisekiswe ukuba ingcaciso efumaneka kule sayithi inyanisekile kwaye iye yahlaziwa. Nangona kunjalo, iSixeko saseKapa ayinakho ukunika isiqinisekiso sakubayinyaniso echanekileyo yaloo ngcaciso, okanye ingcaciso leyo isoloko ihlaziyiwe. ISixeko saseKapa nabaqeshwa baso abanaluxanduva lwalo naluphina usetyenziso okanye ukutolikwa kwenkcazelo equlathwe kulo vimba webhusayithi okanye imathiriyeli apho kubonelelwe ngothungelwano. Akukho nangaphantsi kweyiphina imeko apho iSixeko saseKapa, abaqeshwa baso naye nawuphina umntu omalunga nale webhusayithi, anganoxanduva ngokungqalileyo, ngokungangqalanga okanye ngokumalunga nokulahleka okanye umonakalo ongumphumela ngokungqalileyo okanye ngokungangqalanga okungumphumela okanye ngokunxulumene nenkonzo ebonelelweyo. Naziphina izimvo ezivakaliswe kule sayithi azinyanzelekanga/azifanelekanga ukuba zibonakalisa izimvo okanye umgaqo-nkqubo weSixeko saseKapa. Naliphina ikhonkco elijoliswe kwimithombo yenye ingcaciso ayimelanga uphunyezo lweSixeko saseKapa saloo mthombo, okanye ayimelanga ukuba ikhuthazwe siso ngokujoliswe kuloo ngcaciso okanye kuloo mbutho.

Ihlaziywe ngowe-12 kweyeSilimela (Juni) 2018.